

UMQULU WOKUSIWA KWEENKONZO

Ngale Tshata yoNikezelo IweeNkonzo, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lizibophelele ekunikezeleni ngeenkonzo ezisemgangathweni. Masenze ubonelelo ngeenkonzo **NGONO KUNYE**.

Luxanduva Iwethu kuwe

- Siya kuvuma ukuba siyifumene imbalelwano kwiintsuku ezintlanu zomsebenzi.
- Siza kuphendula imbalelwano yabathengi kwiintsuku ezili-14 zeshishini.
- Siza kuzama ukuphendula ifowuni ngaphakathi kweeringi ezintlanu.
- Siza kuziphatha kakuhle, sibonakalise intlonipho kuwe kwaye siqinisekise ukuba isidima sakho asikhe sinyhashwe.
- Siza kuthetha-thethana nawe malunga neemfuno zeenkonzo zakho, kunye nezinto ozilindeleyo malunga nenqanaba kunye nomgangatho wokuhanjisa kweenkonzo.
- Siza kukubonelela ngolwazi nangengcebiso ngendlela evulekileyo necacileyo xa uceliwe.
- Siza kubonelela ngokufikelela kwinkonzo ekhawulezayo nefanelekileyo ngokuhambelana nemigangatho yokuhanjisa kweenkonzo.

Uxanduva Iwakho kuthi

- Yiba nembeko kwaye usihloniphe isidima samagosa ethu akukhonzayo.
- Thembeka kwiincoko onazo nathi.
- Cinga ukuzenza ufumaneke kwiinkqubo zokuxhobisa.

UMBONO WETHU

Umbono weSebe kukufaka igalelo kwiNtshona Koloni ebandakanyayo ngokwentlalo, enobuchule, esebezayao nehlangeneyo.

INJONGO YETHU

Umnqophiso weSebe kukukhuthaza ukuggwesa kunye nokubandakanyeka kwezemidlalo nakwinkcubebo ngokusebenzisa ngokufanelekileyo, ngokufanelekileyo nangokuzinileyo ukusetyenziswa kwezixhobo nangokusebenzisa ubuhlakani bokuyila nabanye abachaphazelekayo.

Ngethuba lale nkqubo sizabalazela ukuggwesa, siza kudala iimeko zokufikelela, ukuthatha inxaxheba ngobuninzi, ukuchongwa kwetalente kunye nophuhliso Iwezakhono.

linkonzo Zethu

ISebe libonelela ngezi nkondo zichazwe apha ecaleni.

liNkonzo zoBugcisa neNkcubeko

Apha kuquuzelelwano uphuhliso, ulondolozo nokhuthazo Iwezobugcisa nenkcubeko.

liNkonzo zeeLwimi

Apha kuhuthazwa ukusetyenziswa kweelwimi zonke eNtshona Koloni njengxalenye yephulo lokwenza abantu bazingce yaye baqondane, ngokunjalo nophuhlisa iilwimi zemveli ezazicinezelwe ngaphambili.

linkonzo zaMaziko oLondolozo IweMbali, iLifa leMveli namaGama eeNdawo

Zikhuthaza zilondoloze ilifa lemveli lephondo ngeenkonzo zaMaziko oLondolozo IweMbali, iLifa leMveli namaGama eeNdawo.

UKhuthazo IweMidlalo

Zikhuthaza amathuba okuthatha inxaxheba kwezemidlalo.

liNkonzo zamaThala eeNcwadi

Zibonelela ngeenkonzo zamathala eencwadi nolwazi.

liNkonzo zoLondolozo IweeNkcukacha ezi-Balulekileyo

Zibonelela ngeenkonzo zolawulo lolondolozo Iweenkcukacha ezibalulekileyo neerek-hodi.

UPhuhliso IweMidlalo

Zenza ufileleko lube lula ngokusebenzisa ezolonwabo.

Sikuxabisile ukufikeleleka

Izakhiwo zethu ziyafikeleleka kubantu abakhubazekileyo.

Izakhiwo zethu zinokuchongwa ngokucacileyo ngezingxobo zamagama eziponakalayo.

Incwadana yethu yokuFikelela kwiNkonzo inikezela ngeenkukacha zonxibelewano zabasebenzi abaphambili.

IShedyuli yeMigangatho yeeNkonzo iyafumaneka kwi:

www.westerncape.gov.za/cas.

Siza kuzama ukubonelela ngeenkonzo zethu ngazo zontathu iilwimi ezisemthethweni zeNtshona Koloni.

**Iiyure zomsebenzi:
NgoMvulo ukuya
ngoLwesihlanu
7:30 – 16:00**

Indlela yethu yokubuyela kwimeko yesiqhelo

Nceda usitsalele umnxeba kwaye usazise ngazo naziphi na izikhala zo onokuba nazo. Sizimisele ukuphendula kwisikhala zo sakho kwithuba leentsuku ezili-14. Ukuba asikwazi ukuphendula ngoko nangoko kumnxeba wakho, siza kukunika igama lomntu oza kuthunyelwa kuye kwaye sichaze ukuba silindlele ukuba aphendule nini kulombuzo wakho.

Uyamenywa ukuba uthumele iingcebiso, ukuncoma, ukugxeka okanye izindululo zokuphucula iinkonzo zethu okanye imigangatho:

INTLOKO: Ezoxibelelwano, umnxeba: 021 483 9877, ifeksi: 021 483 9521, idilesi yeposi: ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, Private Bag X9067, eKapa, 8000 okanye i-imyile: Dcas.Com@westerncape.gov.za

IZIKO leeFoni likaRhulumente weNtshona Koloni: 0860 142 142 (ngoMvulo-Lwesihlanu, ngo-07: 00 ukuya ku-19:00)

Ingxelo yeGunya loLawulo:

Mna, Anroux Marais, ndibophelela iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo ukuba lihambisana nalo mnqophiso wokuhanjisa kweenkonzo ngokwemiyalelo yowiso-mthetho kwiMigaqo yeNkonzo kaRhulumente, yowama-2016, iSahlulo 3, iCandelo lama-37 (f) neCandelo lama-37 leMigaqo yeNkonzo kaRhulumente, yowama-2016.

Anroux Marais

02/12/2020